

UMama kaSazi usegumbini lokupeyinta.
Ubonakala exakekile.

USazi ubona ipeyinti ebomvu etafileni.



USazi ugaqile uya etafileni.

Uzimela uMama.

Akafuneki egumbini lokupeyinta.



USazi ufikile etafileni.

Umile ubona ipeyinti ebomvu.



USazi uvula ipeyinti ebomvu.

Ufaka ucikicane.

Ucikicane unepeyinti ebomvu.



“Sisandi santoni eso?”

UMama ulaqaza abone ucikicane kaSazi obomvu.

“Ligazi elo Sazi?” Uyabuza uMama.



“Ayilogazi yipeyinti, Mama.” Uphendula encumile uSazi.

Wayibona ipeyinti uMama kucikicane wavuya.



“Yiza uzokupeyinta nam.”

UMama unika uSazi izinto zokupeyinta.
Bapeyinta bobabini besombela.